Isalathiso: 20200124-3550
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0001/2020

Iya : KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kwiiNgcali zeMfundo eziziNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zolawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: IMisebenzi yoVavanyo lwePrakthikhali yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2020

1. Intshayelelo

1.1 Kuye kwasetwa iMisebenzi yoVavanyo lwePrakthikhali (P*ractical Assessment Tasks*) *(PATs)* kwizifundo ezikhethiweyo liSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i*DBE*). Ezi *PATs* ziyinxalenye yeemfuno ezimiselweyo zovavanyo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2020 njengoko kuchaziwe kwi-*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS*) yesifundo ngasinye esichaphazelekayo.

1.2 Ezi *PATs* zivavanywa ngaphakathi ezikolweni zize zimodareyithwe ngaphandle kwalapha kwiphondo.

2. Izifundo ezibandakanya i-*PATs* zezi:

2.1 *Agricultural Management Practices, Agricultural Technology*

2.2 *Dance Studies, Design, Dramatic Arts, Music, Visual Arts*

2.3 *Computer Applications Technology, Information Technology*

2.4 *Consumer Studies, Hospitality Studies, Tourism*

2.5 *Civil Technology, Electrical Technology, Engineering Graphics and Design, Mechanical Technology, Technical Sciences*

3. Ukuvavanywa kwee-*PATs*

3.1 Izikhokelo ze*PATs* zango-2020 zinokukhutshelwa (*downloaded)* kwiziko lewebhu le*DBE (DBE website),* ngokusebenzisa le linki https://bit.ly/2RajEeI (okanye ngokungena kwi-*DBE home page* uze uklikhe ku-*Practical Assessment Tasks* naku-*2020 Grade 10–12 PATs)*.

3.2 Mazinikwe ootitshala bezifundo abachaphazelekayo izikhokelo ze*PATs* eziqhotyoshelweyo ukwenzela ukuba bazisebenzisele ukubhajethela nokucwangcisela ukuqaliswa kwezi mvavanyo kwiikota ezintathu zokuqala zika-2020.

3.3 Kuya kunikwa inkxaso ngabacebisi bezifundo nangabacwangcisi bekharityhulam abakhulu abachaphazelekayo kwezi zifundo abakwii-ofisi zezithili zemfundo ekuhambeni konyaka. Ngako oko ke kufuneka izikolo ziqinisekise ukuba ootitshala abachaphazelekayo bayaya kwiintlanganiso zezithili ezisingethe ukuvavanywa nokumodareyithwa kwee-*PATs*.

4. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili zemfundo ukuba zazise ootitshala, abazali nabafundi okukule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-01-24